# Iziko Lenyembezi ! !

## (Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Hai ! Ukuhlala kwawo wodwa umzi
Abantu babenikwe intsikelelo
Amasango etu onke akanamntu
Nababandezeli basuke bayintloko,
Taru !

Taru Afrika Ntsimi ye Afrika
Wena ozigcau zibambelele kuwe
Zaya kumisa Indlu yako eweni
Ibe lilifa lenkedama ze Yuropu.

Sensa sikumbule imihla ka Ntsikana
Owashiya izimanga ehlabatini
Namhla izwi lake lisesaqwitini
Makupike abhene oqele ukupika.

Sense sikumbule nemihla yobawo
Ababebhinqa ino'a ngokusawela Izwi
Kodwa ubanyusa nasematambekeni
Njengayo imihlambi yase Giliyadi.

Lipi elako Iziko Lemyembezi ?
Ap' uti wakuteta ziw' inyembezi
Zentshutshiso eyarola ngamadolo
Yeza nobugqi yela ngela Mampondo.

Iziko Lenyembezi ! Naso Isijwili
Semka namampunge awo amampunge
Tu ! Nto ! Nabuswe sesinje ngenciniba
Ipete ubukosi konke elutulini.

Lipi elako Iziko Lenyembezi ?
Ap' uti wakuteta ziw' inyembezi
Sukuti akunge xwebi usisityebi
Nenkomo zinxakama ngo Nongqause.

Indlela esihamba ngayo yenile
Ngu Tixo ositshutshisa ngabelungu
Salahla amasiko semka namampunge
Ngoko ukuma kwetu kutambekile.

Wugqwetele Mgqwetto lomhlaba ka
Palo
Beta iziswe ngesitunzi zidangale
Utiramncwa akuvelwa ngasemva
Isishumane masambat' amabayi.

Safana salahla umbuso wakuti
Sagalel' emzini watshona owetu
Kwahlutw' amakaya kwahlut' ubukosi
Sabona ngamehlo nendlebe zisiva.

Iyile buranti echit'abantsundu
Mangapi amawetu awafa kumdaka
Kwanezityudaka ezinezipiwo
Ezintywiliselwe zizi Kokiyane.

Ngu Tixo ositshutshisa ngabelungu
Taru ! Tshwangutshwangu Ndlovu
Edla Pezulu
Udalwe nge Liswi sidalwe ngeminwe
Yeyako imini bobako nobusuku.
Camagu !